Isalathiso: 20170120-7524
12/1/4
Imibuzo: R Leukes

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET*: DCG 0004/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli; kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe, kuBaphathi be-*ECD,* kuBacebisi beZifundo be-*ECD*, kwiiNqununu, kwiiNtloko zeZifundo zeSigaba seSiseko, kootitshala/kwiipraktishina nakumabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezineBakala R nakumaziko eBakala R azimeleyo abhalisiweyo

Isihloko: Ukulawulwa kweenkxaso-mali zeBakala R – UXwebhu lweMigaqo yeMvumelwano *(Memorandum of Agreement)* phakathi kweSebe i*WCED*, amabhunga olawulo nootitshala/neepraktishina zeBakala R

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) lizimisele ukuqinisekisa ukuba umntwana ngamnye uyafikelela kwiBakala R phambi kokuba angene kwinkqubo yokufunda emiselweyo.

2. Ngenxa yoko iSebe i*WCED* libhalise izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo eziyi-977 ezineBakala R namaziko eBakala R azimeleyo ayi-590 abonelela ngemfundo yaye oko kube nesiphumo sokuba kwenziwe iintlawulo eziphezulu kakhulu zeenkxaso-mali zeBakala R kula maziko emfundo asele ekhankanyiwe.

3. Nakuba kunjalo, iSebe i*WCED* liqaphele ukuba inani elikhulu lalamaziko aneBakala R, liyayophula imigaqo emalunga nokulawulwa nokuphathwa kweenkxaso-mali zeBakala R nokuqeshwa kootitshala/kweepraktishina zeBakala R.

4. **UXwebhu lweMigaqo yeMvumelwano *(Memorandum of Agreement*)**

4.1 Ngokumalunga nenjongo yeSebe i*WCED* yokuphucula ukulawulwa nokuphathwa kweenkxaso-mali neenkqubo zeBakala R, ayacelwa onke amaziko aneeklasi zeBakala R abhalisiweyo, alandele mbo le migqaliselo ilandelayo yokulawulwa kweenkxaso-mali zeBakala R:

4.1.1 Onke amaziko aneeklasi zeBakala R ezibhalisiweyo, makasayine uXwebhu lweMigaqo yeMvumelwano (*Memorandum of Agreement (MOA)*) olucacisa ukuvunywa nokusetyenziswa kwenkxaso-mali. Kuya kuxoxwa ngoXwebhu lwe-*MOA*

yaye luya kuhanjiswa ezikolweni ngabaphathi be-*Early Childhood Development (ECD*) bezithili.

4.1.2 Kuya kungenwa kwimvumelwano ekuXwebhu lwe-*MOA* libhunga lolawulo nomlawuli wesithili, oya kubambela njengomlawuli ekudluliselwe kuye amagunya eSebe i*WCED*, kangangeminyaka emithathu. Onke amaXwebhu e-*MOA* makabe asayiniwe phambi kokuba kuphele uMatshi 2017.

4.1.3 Ibhunga lolawulo elizuza inkxaso-mali *(beneficiary*) yeSebe i*WCED*, lisebenza njengomqeshi katitshala/wepraktishina yeBakala R kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakumaziko azimeleyo afundisa iBakala R.

4.1.4 Ibhunga lolawulo elizuza le nkxaso-mali, malizihlawule iimali zenkxaso ezabiweyo ngokwemimiselo nemigangatho yenkxaso-mali yeBakala R nanjengoko kucacisiwe kwiSikhokelo sePhondo i-*ECD Provincial Policy Guidelines.*

4.1.5 Ubungqina bale nkcitho mabuhanjiswe nengxelo yaqho ngekota (*quarterly report*) esayinwe yinqununu nangootitshala/naziipraktishina zeBakala R, ize igqithiselwe kwisithili.

4.1.6 ISebe i*WCED* linelungelo lokuziphicotha zonke iinkqubo zezemali, ezeziseko zophuhliso nezolawulo ezimalunga namabango enkxaso-mali eBakala R.

4.1.7 Ngaphezu koko, iSebe i*WCED* linelungelo lokusibala isabelo emasinikwe naliphi na iziko elifuna inkxaso-mali yeBakala R ngokusekelwe kwinkxaso-mali ekhoyo nenako ukufumaneka.

4.1.8 Ukuba ibhunga lolawulo elizuza inkxaso-mali lophule umqathango okanye yonke imiqathango, njengoko kumiselwe kwimvumelwano ephakathi kweSebe i*WCED* nebhunga lolawulo yaye aliphumeleli ibhunga lolawulo ukuyilungisa le meko yokophula kwalo le miqathango, iSebe i*WCED* liya kunyanzeleka ukuba lisirhoxise isigqibo semvumelwano lize lenze ibango lokuba ibuyiswe inenzala yonke imali ebiyabiwe.

5. **Iimvumelwano zengqesho**

5.1 Lwakuba lusayiniwe uXwebhu lwe-*MOA* neSebe i*WCED*, amabhunga olawulo makenze amaxwebhu eemvumelwano zengqesho zootitshala/zeepraktishina zeBakala R ukwenzela ithuba elingangonyaka omnye okanye elingaphezu koko.

5.2 Makugqitywe ngeemvumelwano zengqesho yaye mazisayinwe kunyaka ongaphambi konyaka wokufunda omtsha.

5.3 Ukupheliswa kwemvumelwano yengqesho nomqeshwa makwenziwe kwiinyanga ezi-3 phambi kokuba iphele imvumelwano yengqesho.

5.4 Makulandelwe iimeko zengqesho ezisisiseko, njengoko kucacisiwe kwiSikhokelo i-*ECD Provincial Policy Guidelines*.

5.5 Ukungaphumeleli kootitshala/neepraktishina ukuthobela iimeko zengqesho ezisisiseko zeBakala R, kuya kubangela ukuba irhoxiswe ngokukhawuleza inkxaso-mali.

6. **lileta zeenkxaso-mali ezabiweyo**

Onke amaziko afumana inkxaso-mali yeBakala R kwiSebe i*WCED,* aya kufumana ileta yenkxaso-mali (*funding letter*) phambi kokuphela kwekota yokuqala yesikolo ecaciswe kumgqaliselo wenkxaso-mali nenkcitho (*funding principle and expenditure) 80/20,* nomawulandelwe mbo.

7. **Ukungeniswa kweengxelo zaqho ngekota**

7.1 Ngokungqinelana neenkqubo zokuphicothwa kweencwadi ezisemgangathweni (*good auditing practices*), kulindeleke ukuba amaziko enze ingxelo echaza okusele kwenziwe kulawulo lwezemali nasekufundisweni kwekharityhulam kwiBakala R phambi kokuba kwabiwe naziphi na izabelo zenkxaso-mali.

7.2 Ziyacelwa ziyisayine le ngxelo nazo iinqununu nootitshala/neepraktishina zeBakala R. Ukungaphumeleli ukwenza oko kunokubangela ulibaziseko kulwabiwo lwenkxaso-mali.

8. **Ubhaliso**

8.1 Zonke izatifikethi zobhaliso ezivunywe liSebe i*WCED,* ziya kuba semthethweni ithuba leminyaka emihlanu.

8.2 Kuya kuhlaziywa zonke izatifikethi zobhaliso ukwenzela onke amaziko aneBakala R ngo-2017.

8.3 Zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ziya kufumana izatifikethi zobhaliso kubaphathi be-*ECD* bezithili yaye oko makube kugqityiwe engadlulanga uJuni 2017.

8.4 Onke amaziko azimeleyo aya kufumana izatifikethi zobhaliso zawo kwiphulo elilawulwa ngabaphathi be-*ECD* bezithili yaye oko kumele ukuba kugqityiwe engaphelanga uJuni ngo-2017.

8.5 Izatifikethi zobhaliso ezitsha ziya kuba semthethweni kangangethuba leminyaka emi-5 yaye ziya kuphelelwa ngo-2022.

8.6 Konke ukubhaliswa kwamaziko e-*ECD* onokuqhubeka kwithuba eliphakathi ko-2017 ukuya ku-2022, kuya kupheliswa ngo-2022.

9. **Ukubhaliswa kwabafundi beBakala R**

9.1 Onke amaziko makabhalise abafundi beBakala R phambi kukaJuni kunyaka ongaphambili.

9.2 Inani lilonke labafundi ngeklasi nganye kumele lingabikho ngaphantsi kwabafundi abayi-20 yaye lingabi ngaphezu kwabayi-30 ngeklasi nganye.

9.3 Uyacelwa uqaphele ukuba alimele kuba ngaphantsi kwabafundi abayi-10, inani lilonke labafundi abakwinginggi zamaphandle ezikude kuphela. Oku kuya kuqinisekiswa yaye kungqinisiswe ngumphathi we-*ECD* wesithili.

10. **Izicelo zeeklasi ezongezelelweyo**

10.1 Zonke izicelo zeeklasi ezongezelelweyo ziya kuthathelwa ingqalelo kunyaka ongaphambi kokuba kuqaliswe iklasi.

10.2 Izicelo mazenziwe engadlulanga uSeptemba kunyaka ongaphambili, ngokuqala kugqithwe kumphathi we-*ECD* wesithili. Ziya kwaziswa izikolo ngomhla omisiweyo wokungeniswa kwezicelo, ngesaziso esisemthethweni.

10.3 Kucelwa uqaphele ukuba ukuvunywa kweklasi yeBakala R kuxhomekeke ekufumanekeni kwendawo, kubungqina bemfuno yeklasi nakwimali efumanekayo kwibhajethi ye-*ECD*.

11. **Ukuqeqeshwa kwamabhunga olawulo malunga nokulawulwa kweenkxaso-mali ze-*ECD***

11.1 ISebe i*WCED* liya kubonelela ngoqeqesho olumalunga nokulawulwa kweemali ze-*ECD* ukwenzela zonke iinqununu namabhunga olawulo ezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezamaziko azimeleyo.

11.2 Uqeqesho luya kuqhubeka kwikota yesithathu ka-2017. Izikolo ziya kwaziswa ngolu qeqesho ngethuba elifanelekileyo.

12. Ukufumana nayiphi na ingcaciso engaphezulu ngokumalunga nale ngcaciso imfutshane, uyacelwa uqhagamshelane nomphathi we-*ECD* wesithili ochaphazelekayo:

ISithili	UMphathi we-*ECD*	Ifoni	I-imeyili
Metro Central	*Schalk Hattingh*	021 514 6721	Schalk.Hattingh@westerncape.gov.za
Metro North	*Zaida Davids*	021 938 3013	Zaida.Davids@westerncape.gov.za
Metro South	*Carmen Niekerk*	021 370 2004	Caremen.Niekerk@westerncape.gov.za
Metro East	*Michele Liedeman*	021 900 7221	Michele.Liedeman@westerncape.gov.za
West Coast	*Sally Meyer*	021 860 1202	Sally.Meyer@westerncape.gov.za
Cape Winelands	*Madeleine Siddle*	023 348 4608	Madeleine.Siddle@westerncape.gov.za
Overberg	*Lynn le Grange*	028 214 7384	Lynn.LeGrange@westerncape.gov.za
Eden & Central Karoo	*Lucretia Roux*	044 803 8314	Lucretia.Roux@westerncape.gov.za

13. Ziyacelwa iinqununu zazise ngokuqulathwe kule ngcaciso imfutshane bonke abo bachaphazelekayo kwi-*ECD* ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-02-20